Bhota mfundi webanga 12

Ngunyaka wakho wokugqibela ufunda esikolweni. Kunyanzelekile ukuba ubhale iimviwo zokuphela konyaka, ukwenza oko kulindeleke ukuba uzilungiselele kangangoko unako.

## Iingcebiso malunga nokulungiselela iimviwo

- Cwangcisa ixesha lakho ngobunono nenzondelelo
- Yiba nendawo ethe cwaka yokufundela
- Xa ufunda, qala ngalo miba inzima kwisifundo ukuya kwelula
- Zikhwebule kumkhuba wokuchitha ixesha elininzi kwiindawo zokuzonwabisa endaweni yokufunda iincwadi zakho
- Xa ufunda, mana ubhala phantsi amanqaku okufundayo ukuzikhumbuza
- Ukuhlaziya okufundileyo, ungasebenzisa amaphepha eemviwo ezigqithileyo
- Yazi ukuba ukufunda yinto oyenza ubomi bakho bonke, ngoko ke, ziqhelanise nokufunda rhoqo.

## Ukuhlola

Udweliso lwemisebenzi ehlolwa ngokusesikweni namanqaku ayo.

### Kulwimi lwasekhaya

| Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota | | | Uviwo lwan-gaphandle |
|---|---|---|---|
| Ikota 1:<br>1 Uvavanyo<br>+<br>4 imisebenzi | Ikota 2:<br><br>2 imisebenzi +<br><br>Iimviwo zikaJune<br><br>Iphepha 1= 70<br>Iphepha 2 = 80 | Ikota yesi-3:<br>1 umsebenzi<br>+ Iimviwo zokuxabangela<br>Iphepha 1=70<br>Iphepha 2= 80<br>Iphepha = 100 | Ikota yesi-4:<br>Uviwo lwan-gaphandle<br>Iphepha= 70<br>Iphepha = 80<br>Iphepha = 100 |

### Kulwimi loku-1 olongezelelweyo

| Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota | | | Uviwo lwan-gaphandle |
|---|---|---|---|
| Ikota yoku-1:<br>Uvavanyo olu- 1 olubhalwayo<br><br>+ imisebenzi 3 | Ikota 2:<br>3 imisebenzi +<br>Iimviwo zikaJuni<br>Iphepha 1 = 80<br>Iphepha 2 = 70 | Ikota yesi-3:<br>Iiviwo zokuxa-bangela<br>Iphepha 1 = 80<br>Iphepha 2 = 70<br>Iphepha 3 = 100 | Ikota yesi-4:<br><br>Uviwo lwan-gaphandle<br>Iphepha 1 = 80<br>Iphepha 3 = 70<br>Iphepha 3 = 100 |

**Learn Top 50 IsiXhosa Phrases and Word**
https://qrgo.page.link/G9GCa

**Conversational isiXhosa**
https://qrgo.page.link/8XDNy

### Kulwimi lwesi-2 olongezelelweyo

| Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota | | | Uviwo lwan-gaphandle |
|---|---|---|---|
| Ikota 1:<br><br>Uvavanyo olu-1 olubhal- wayo<br>+<br>imisebenzi emi-2 | Ikota 2:<br><br>2 imisebenzi +<br>Iimviwo zika-Juni<br>Iphepha 1 = 80<br>Iphepha 2 = 40<br><br>Okanye<br><br>Uvavanyo lwephepha loku-1 = 80 | Ikota 3:<br><br>1 Umsebenzi<br>+ Iimviwo zo-kuxabangela<br>Iphepha 1= 80<br>Iphepha 2 = 40<br>Iphepha 3 = 80 | Ikota 4:<br><br>Uviwo lwanga-phandle<br>Iphepha 1= 80<br>Iphepha 2 = 40<br>Iphepha 3 = 80 |

Amacandelo namanqaku amaphepha eemviwo

Amaphulo okuncedisana nawe ukulungiselela ezi mviwo

- Kwezinye izithili, kuqhutywa izifundo zangoMgqibelo zesiXhosa, izikolo zasebusika, izikolo zasentwasahlobo, ukuncedisana nawe mfundi.
- Amaphepha eminyaka edlulileyo esiXhosa ayafumaneka kwiwebhusayithi ethi www.education.gov.za
- Ndikunqwenelela impumelelo kwizifundo zakho zonke ingakumbi kwisiXhosa.

